Ngaphantsi kwesigunyaziso sayo esingamandla, i-WCLC ngokungathandabuzekiyo yenze kube lula ukuphunyezwa kunye nokubekwa esweni koMgaqo-nkqubo weLwimi waseNtshona Koloni kwaye icebise iSebe ngokuzinzileyo kwimicimbi yeelwimi kwiphondo. Njengoko ulwimi luyinxalenye yesazisi kunye nenkcubeko, igalelo leKomiti ligcinwe kuthathelwa ingqalelo njengoko lisebenzela ukudala amathuba okudityaniswa kwezentlalo kunye nokwandisa ukufikelela kwiinkonzo ezinikezelwa nguRhulumente weNtshona Koloni.

Ngokudibeneyo ne-WCLC, ngokusebenzisa igalelo ngokudibeneyo ukusuka kuluntu, abasebenzi, abachaphazelekayo bangaphandle kunye namaqabane ezicwangciso-qhinga, esi sicwangciso saphuhliswa ukuze sisebenze njengesikhokelo esisemthethweni seKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni kunye neSebe kunyaka olandelayo. Ndijonge phambili ekuboneleleni ngenkuthalo kwezikhokelo zepolitiki ezifunekayo ukukhuthaza ulawulo lwentando yesininzi olufunekayo ukudibanisa iyantlukwano yeNtshona Koloni.

Anroux Marais

Anroux Marais
Igunya elilawulayo leKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni

INTETHO YEGOSA ELINIKA INGXELO

IsiCwangciso seNtsebenzo soNyaka seKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni sijolise ekufezekiseni umThetho weLwimi wePhondo laseNtshona Koloni, uMthetho 13 ka-1998 noMgaqo-nkqubo weLwimi waseNtshona Koloni. Injongo yeqhinga lokusebenza kukuqhubeka nokuqinisekisa ukusetyenziswa okulinganayo kwesiBhulu, isiNgesi nesiXhosa njengeelwimi ezintathu zaseburhulumenteni eNtshona Koloni, kunye nokuphakamisa umgangatho nokusetyenziswa koLwimi lokuThetha ngeZandla loMzantsi Afrika, kunye neelwimi zomthonyama. Ijolise ekwandiseni izibonelelo ezenziweyo kwiminyaka edlulileyo ukukhuthaza intsebenziswano phakathi kwabathathi-nxaxheba abahlukeneyo nokwakha kwisiseko esibekiweyo ukukhuthaza ukubandakanywa koluntu. Esi sicwangciso siza kuphunyezwa ngexesha apho umThetho weLwimi wePhondo laseNtshona Koloni, uMthetho we-13 we-1998, uya kube uphantsi koqwalaselo ukuze kungeniswe utshintsho oluya kulungelelanisa ngcono imeko nobume beKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni nomsebenzi wayo wangoku.

Nkosikhulule Xhawulengweni Nyembezi
Usihlalo weKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni
Egameni loGunyaziwe oLawulayo: IKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni



UTYIKITYO OLUSESIKWENI

Ndiyangqina okokuba esi Sicwangciso soNyaka sokuSebenza:

- saphuhliswa yiKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni phantsi kwesikhokelo soMphathiswa, u-Anroux Marais.
- sijonga zonke iinkqubo ezibalulekileyo, uviso-mthetho kunye nezinye izigunyaziso eziluxanduva leKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni.
- sibonisa ngokuchanekileyo iMpembelelo neziPhumo ekujoliswe kuzo yiKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni kwiminyaka ka-2020/21.

Brenda Rutgers
IGosa eliyiNtloko leMali

Nkosikhulule Xhawulengweni Nyembezi
USihlalo weWCLC

Brent Walters
IGosa eliNika iNgxelo leSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo

Ivunywe ngu:

Anroux Marais
UMlawuli oneGunya weKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni



IZIFINYEZO/ IZISHUNQULELO

DCAS	ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo
MEC	UMphathiswa wePhondo
MTSF	IsiKhokelo seQhinga lokuSebenza sesiQithanga soNyaka
NDP	IsiCwangciso soPhuhliso seSizwe
PanSALB	IBhodi yeeLwimi zaBantu boMzantsi Afrika
PFMA	UMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente
PLC	IiKomiti zeeLwimi zePhondo
PSP	IsiCwangciso seQhinga lokuSebenza sePhondo
UNESCO	UMbutho weZizwe eziManyeneyo ngeMfundo, ngobuGcisa nangeNkcubeko
VIP	Umbono Ophefumlelweyo Wezinto eziphambili
WCLC	IKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni



ICANDELO A: IGUNYA LETHU

1. UHLAZIYO KUMAGUNYA ABALULEKILEYO ENKQUBO NOWISO-MTHETHO

1.1 Amagunya oMgaqo-siseko

Icandelo	Ingcaciso
UMgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika waka--1996	
Icandelo le-6(3), le-(4) kunye nele-(5): Ulwimi	Urhulumente weNtshona Koloni kufuneka, ngolawulo kunye namanye amanyathelo, alawule aphinde ahlale ukusetyenziswa kweelwimi ezisemthethweni. Zonke iilwimi ezisemthethweni kufuneka zihlonitshwe ngokulinganayo kwaye ziphathwe ngendlela elinganayo. I-WCLC, ibambisene neSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo, zinoxanduva lokuhlola nokuvavanya ukuphunyezwa koMgaqo-nkqubo weelwimi wePhondo leNtshona Koloni, owamkelwa ngo-2005, kwaye kufuneka zenze ingxelo kwiPalamente yePhondo leNtshona Koloni malunga nolu gunyaziso ubuncinane kanye ngonyaka. I-DCAS yongamela i-WCLC kwaye inikezela iKomiti ngolawulo kunye nenkxaso yemali.
Icandelo lama-30: Ulwimi nenkcubeko	I-WCLC ibonelela ngamathuba kubantu baseNtshona Koloni ukuba basebenzise amalungelo abo olwimi kunye nawenkcubeko ngokuthatha inxaxheba kwiinkqubo nakwiiprojekthi ethi izenze kwaye izixhase.
Icandelo lama-31: Uluntu lwenkcubeko, inkolo kunye nolwimi	I-WCLC kufuneka iqinisekise ukuba iinkqubo zayo kunye neeprojekthi ziyakuhlonipha ukwahlukana kwenkcubeko yabantu bonke baseNtshona Koloni.
Icandelo lama-41: Imithetho-siseko yorhulumente wentsebenziswano kunye nobudlelwane nabanye oorhulumente	I-WCLC isebenzisana nazo zonke iinkalo zikarhulumente ekwenzeni oko igunyaziselwe kona.
Ishedyuli le-4: Iindawo zoMsebenzi zokuVumelana ngoMsebenzi ngokwemithetho yeSizwe neyePhondo	Ngokubhekiselele kumgaqo-nkqubo weelwimi kunye nemimiselo yeelwimi ezisemthethweni ukuza kuma kwinto yokuba izibonelelo zecandelo le-6 loMgaqo-siseko zicacise ngokunikezela umsebenzi wolawulo kwiPalamente yePhondo leNtshona Koloni, i-WCLC isebenza ngokusondeleneyo neSebe lezoBugcisa neNkcubeko lesizwe kunye namanye amaziko esizwe malunga nemiba yomgaqo-nkqubo weelwimi.
Icandelo le-195: Iindlela zokuziphatha ezisisiseko kunye nemithetho-siseko elawula ulawulo lukarhulumente	Amagosa eSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo anoxanduva lokwenza ugunyaziso lwe-WCLC kufuneka aqinisekise ukusetyenziswa ngokwaneleyo, ngokoqoqosho kunye nokusetyenziswa ngokufanelekileyo kwezixhobo abazinikiweyo. Iinkqubo ezenziwe kwicandelo likarhulumente kufuneka ziveze amalungelo amaninzi ngeendleko eziphantsi.
UMgaqo-siseko weNtshona Koloni, ka-1998 (uMthetho woku-1 ka-1998)	
Icandelo 5	Ngenjongo zoRhulumente weNtshona Koloni: (a) iilwimi ezisemthethweni isibhulu, isiNgesi nesiXhosa kufuneka zisetyenziswe; kwaye (b) ezi lwimi zichazwe ngentla zikonwabele ukulingana kwazo. I-WCLC kufuneka ijonge ukusetyenziswa kwesiBhulu, isiNgesi nesiXhosa eNtshona Koloni. I-WCLC kufuneka kwakhona iphumeze amanyathelo asebenzayo nangawo okunceda ukuyondelelanisa ubume kunye nokubhekisela phambili ukusetyenziswa kweelwimi ebezisingelwa phantsi zeNtshona Koloni ezibume bazo kunye nokusetyenziswa ngokwembali zayekiswa.
Icandelo lama-81 (d)	URhulumente weNtshona Koloni kufuneka alungise aze azalisekise imigaqo-nkqubo ngenjongo yokukhuthaza nokugcina intlalo-ntle yabantu baseNtshona Koloni ngendlela esebenzayo. Oku kubandakanya imigaqo-nkqubo enenjongo yokuphumelela ekukhuthazeni intlonipho yamalungelo oluntu enkcubeko, okholo naweelwimi eNtshona Koloni.



ICANDELO A: IGUNYA LETHU

1.2 Amagunya omthetho

Umthetho	Ireferensi	Ingcaciso
UMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente (PFMA) ka-1999	Umthetho woku-1 we-1999	I-WCLC kufuneka ingenise iingxelo zekota kunye nezonyaka ngokwenziwa komsebenzi wayo kunye neengxelo zemali eziphicothiweyo ngokubhekiselela kwinjongo ecwangcisiweyo ekujoliswe kuyo kunyaka-mali ngamnye.
UMthetho wokuSetyenziswa kweelwimi eziseMthethweni, ka2012	Umthetho we-12 wama-2012	Lo Mthetho usebenza kumasebe esizwe, amaqumrhu karhulumente wesizwe nakumashishini karhulumente wesizwe. Ukuba izinto zoMthetho bekufuneka zibe nefuthe kumgaqo-nkqubo nokusetyenziswa kweelwimi eNtshona Koloni, i-WCLC inganegunya lokudlala indima.
UMthetho weBhodi yeelwimi zaBantu zoMzantsi Afrika, ka-1995	UMthetho wama-59 we-1995	IKomiti yeelwimi yeNtshona Koloni ibonwa yiBhodi yeelwimi yaseMazantsi eAfrika njengeKomiti yayo yeelwimi yePhondo yeNtshona Koloni. Phakathi kwezinye izinto, lo Mthetho udinga ukuba i-PanSALB imise ikomiti yeelwimi yephondo (i-PLC) kuwo onke amaphondo. I-PLC yeNtshona Koloni iye yamiswa ngeyeThupha ngo-2019.
UMthetho weelwimi wePhondo leNtshona Koloni, ka-1998	UMthetho we-13 we-1998	I-WCLC kufuneka, phakathi kwezinye izinto: <ul style="list-style-type: none"> • ijonge ukusetyenziswa kwesiBhulu, isiNgesi kunye nesiXhosa nguRhulumente weNtshona Koloni; • yenze izindululo kuMphathiswa wePhondo nakwiPalamente yePhondo ngalo naluphi na ulawulo olucetywayo okanye olukhoyo, umsebenzi kunye nomgaqo-nkqubo ochaphazela ulwimi eNtshona Koloni; • ikhuthaze ngendlela esebenzayo umthetho-siseko wokusetyenziswa kweelwimi ezininzi; • ikhuthaze ngendlela esebenzayo uphuhliso lweelwimi ebezifudula zisingelwe phantsi; • icebise u-MEC kunye neKomishoni yezeNkcubeko eNtshona Koloni kwimiba yeelwimi kweli Phondo; ize • Icebise i-PanSALB kwimiba yeelwimi eNtshona Koloni.
Umthetho weBhunga leeNgcali zoLwimi leMzantsi Afrika ka-2014	UMthetho wesi-8 wama-2014	Xa iBhunga leeNgcali zeeLwimi zaseMzantsi Afrika lisekiwe, liza kuba namagunya, phakathi kwezinye izinto, okubhalisa nokuqinisekiswa kweengcali zoLwimi ukuba zikulungele ukusebenza, kusekwe nendlela yokuziphatha nokulawulwa komsebenzi weelwimi kweli lizwe.
Umthetho wokuKhuthaza ukuFumaneka koLwazi ka-2000	Umthetho wesi-2 wama-2000	Lo mthetho unika ilungelo lokufumana iirekhodi ezigcinwa ngurhulumente, amaziko karhulumente namaziko angaxhaswa ngurhulumente. Phakathi kwezinye izinto, i-DCAS nawo onke amanye amaziko karhulumente namaziko angaxhaswa nguRhulumente kufuneka a: <ul style="list-style-type: none"> • yile incwadi yokufundisa ecacisela abahlali ukufaka isicelo sokufumana ulwazi olugcinwa liziko elithile; aze a • Chonge igosa lolwazi lokujonga izingcali zokufumana ulwazi olugcinwe liziko elithile
Ukhuthazo uLawulo lobuLungisa, 2000	Umthetho wesi-3 wama-2000	Lo Mthetho: <ul style="list-style-type: none"> • wandla imithetho nemikhokeli-ndlela emayilandelwe ngabalawuli xa bethatha izigqibo; • udinga ukuba abalawuli bazise abantu ngelungelo labo lokuphinda babone okanye babongoze kunye nelungelo labo lokucela izizathu; • udinga ukuba abalawuli banike izizathu ngezizigqibo zakhe; uze • unike amalungu asentlalweni ilungelo lokucela ubungqina kwizigqibo ezithathwa ngabalawuli enkundleni.



ICANDELO A: IGUNYA LETHU

Umthetho	Ireferensi	Ingcaciso
Umthetho woKhuselo loLwazi lweSiqu ngaSinye, 2013	Umthetho wesi-4 wama-2013	<p>Umthetho ukhuthaza ukhuseleko lolwazi bomntu ngamnye olusetyenziswa ngamaziko karhulumente namaziko angaxhaswa ngurhulumente; ukwazisa iimeko ezithile ukuze kumiswe iimfuneko ezithile zokusetyenziswa kolwazi lomntu ngamnye. Ukongeza, lo mthetho ubonelela ukumiswa kokuLawula uLwazi ukusebenzisa amandla athile nokwenza imisebenzi ethile kulo Mthetho noMthetho wokuKhuthaza ukuFumaneka kolwazi wama-2000.</p> <p>Umthetho ukwaphinda abonelele ukunikezelwa kweencadana ezichaza indlela yokuziphatha; kwenzelwa amalungelo abantu malunga nonxebelelwano lwekhompyutha okungafunwayo nokuthathwa kwezigqibo ngendlela ezenzekelayo; ukulawula indlela umsebenzi ahamba ngayo kwiRiphabliki yonke; nokubonelela izinto ezisondele kwezi zinto.</p>



ICANDELO A: IGUNYA LETHU

1.3 Izigunyaziso zomgaqo-nkqubo

Uyilo lweKomiti luphendula iinjongo zoPhuhliso oluThwalekayo zoMbuthe weZizwe, i-NDP, i-MTSF 2020 – 2025, i-PSP kaRhulumente weNtshona Koloni 2019 – 2024 neQhinga lokuSebenza le-DCAS 2020 – 2025.

I-NDP inenjongo yokuphelisa ukuhlupheka nokunciphisa ukungalingani ngowama-2030. Ngokoyilo, abahlali baseMzantsi Afrika bangazifezekisa ezi njongo ngokusebenzisa amandla abantu babo, bakhuluse ezemali eziquka umntu wonke, bakhe izakhono, baphucule isikhundla kuRhulumente baze bakhuthaze ubukhokeli nobudlelwane kuluntu lonke.

Ngokuhambelana ne-NDP, urhulumente uphuhlise i-MTSF eyenzelwe ukhokela imigaqo-nkqubo neenkqubo kwixesha leminyaka emihlanu ukuqala kowama-2020 ukuya kowama-2025. Le-MTSF inezinto ezi-7 eziziphumo eziphambili:

Into ephambili yoku-1	Utshintsho lwezemali nokwandisa imisebenzi
Into ephambili yesi-2	Imfundo, izakhono nempilo
Into ephambili yesi-3	Ukumanya umvuzo wentlalo ngokunikeza iinkozo ezidingekayo nezithembekileyo
Into ephambili yesi-4	Ukudityaniswa kwezithuba, iindawo zokuhlala zabantu orhulumente wasekuhlaleni
Into ephambili yesi-5	Ukumanyana ekuhlaleni noluntu olukhuselekileyo
Into ephambili yesi-6	Urhulumente onamandla okwenza, unyanisekileyo nophuhlisayo
Into ephambili yesi-7	I-Afrika engcono nelizwe elingcono



ICANDELO A: IGUNYA LETHU

Ugalelo lweKomiti ekuphumeleleni kwezinto eziphambili ezisixhenxe zesizwe zithi:

Into ephambili yoku-1	<p>IKomiti inogalelo kwimfundo, kwizakhono nempilo njengokulandelayo:</p> <ul style="list-style-type: none"> • Ukujonga nokucebisa ngoMgaqo-nkubo weLwimi weNtshona Koloni. • Ukucebisa amasebe namaziko akwaRhulumente waseNtshona Koloni ngemicimbi yeelwimi ngokucebisa uMphathiswa weMicimbi yeNkcubeko neMidlalo. • Ukukhuthaza ukusetyenziswa kweelwimi ezininzi. • Ukuphucula ubudlelwane bomsebenzi ne-PanSALB kunye namanye amabhunga namaziko eelwimi kuphondo, kwisizwe nezizwe zaphesheya. • Ukukhuthaza ukuphuhlisa nokuqhubela phambili kweelwimi ebezikade zibekelwa bucala kunye noLwimi lweZandla lwaseMzantsi Afrika ukuze kongezwe ulwazi kuphinde kukuthazwe unxebelelwano ngezilwimi kubahlali baseNtshona Koloni. • Ukucebisa uMphathiswa ne-PanSALB ngemicimbi yeelwimi eseNtshona Koloni nechaphazela iNtshona Koloni. • Ukucebisana nabathathi-nxaxheba ababalulekileyo nohlala phezu kolwazi olutsha lophando ukuhlala elwazini malunga nemicimbi yeelwimi eseNtshona Koloni nechaphazela iNtshona Koloni. • Ukwakha ubudlelwane ukuze kuphuhlise ukuthethwa kweelwimi ezininzi eNtshona Koloni.
Into ephambili yesi-5	<p>IKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni ikhuthaza ukumanyana ekuhlaleni noluntu olukhuselekileyo ngokukhuthaza ukuthethwa kweelwimi ezininzi, iilwimi zesintu ezazikade zibekelwa bucala noLwimi lweZandla laseMzantsi Afrika ngokwenza iinkqubo eziza kwandisa ukuqonda nokusetyenziswa kwezi lwimi kubahlali baseNtshona Koloni.</p>
Into ephambili yoku-7	<p>Kwinkxaso yokudibanisa iingingqi nezizwe, iKomiti ibhiyoza ize ikhuthaze imihla yezizwe ebalulekileyo yokudityaniswa koluntu.</p>

Ngapha koko, igunya leKomiti liyahambelana kwiNjongo ye-10 yeeNjongo eziZinzileyo zoPhuhliso zeZizwe eziManyeneyo, ezinxulumene nokunciphisa ukungalingani phakathi kwamazwe, ezinokuthi zifezekiswe ngokukhuthaza iilwimi ezimbalwa.

UMXHOLO WOMGAQO-NKQUBO WEPHONDO Isicwangciso esiliqili sePhondo (IES) 2019-2024

Isiphumo sekomiti sihambelana neenkonziso neenkqubo zeSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo, ethi yona inxibelelaniswe nemicimbi ephambili ephumlelweyo yePSP yoRhulumente weNtshona Koloni (VIP), ngakumbi ngokubhekisele kwi-VIP 1: Uluntu olukhuselekile nolunxibelelanayo kunye ne-VIP 3: Ukuxhobisa abantu. Le yokugqibela I-VIP ifuna ukujongana nemiba emininzi yomngciphekowentlalontle, ngezoqoqosho kunye

nokuxhotyiswa kwezemfundo kananjalo okunokukwazi ukwakha umntu ngamnye, usapho kunye noluntu ekuqiniseni ngokuchasene nobundlobongela.

Ukuphumeza ezi njongo, iKomiti iya kuqhubeka nokudlala indima yokubeka esweni iinkonziso zorhulumente wephondo ukuqinisekisa ukuthotyelwa komGaqo-nkqubo weLwimi weNtshona Koloni. Ngokukhuthaza ukuphucula ulwimi lwenkobe, iKomiti iya kuba negalelo ngamathuba kubahlali beNtshona Koloni ukubumba ubomi babo kunye nobomi babanye, ukuqinisekisa ubomi obunentsingiselo nobunesidima, emva koko ukudala uluntu oluhlalisene kakuhle.



ICANDELO A: IGUNYA LETHU

2. UHLAZIYO KUMIGAQO-NKQUBO WAMAZIKO KUNYE NAMAQHINGA OKUSEBENZA

Icandelo lesi-6 kuMgaqo-siseko woMzantsi Afrika, 1996 ugxininisa ukubaluleka kweelwimi kwilizwe lethu. Iilwimi zisixhobo esibalulekileyo kunxibelelwano, olo luqinisekisa impumelelo kwimfundo. Oku kuchaphazela ukudibana koluntu nazo zonke izinto eziphambili zamaqhinga okusebenza kurhulumente. Phezu koko, iilwimi zityalwe ukwahlukana kweenkcubeko zethu nolwazi loluntu olahlukileyo, kunjano nje, zibaluleke ukugqithiswa kwenkcubeko nezinto ezixatyisiweyo kwisizukulwane nesizukulwane esixandelayo. Nangona ibhalwe kuMgaqo-siseko njengelungelo elikhuselwe yimithetho yesizwe neyephondo, kubalulekile ukuqhubeka ukwandisa ukuqonda nokuqinisekisa ukusetyenziswa keNkqubo yeelwimi yeNtshona Koloni neNdlela yokuZiphatha yeelwimi.

I-WCLC yabhaliswa njengeziko likarhulumente lephondo kwicandelo C, kwiShedyuli yesi-3 ngomhla woku-1 kweyeSilimela 2001 kuMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente, 1999. Ikomiti iphantsi kolawulo lweqhinga lokusebenza likaMphathiswa oyi-oxela ingxelo kwiNtloko yeSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo. Umsebenzi awyo ujongwa yi-DCAS.

Ezinkqubo zeSebe zilandelayo zinokusetyenziswa kwi-WCLC:

Umgaqo-nkubo	Inkcazo
Indlela yokuZiphatha yamalungu e-WCLC	Eyona njongo yeNdlela yokuZiphatha kukukhuthaza ukuziphatha kumalungu ukuze i-WCLC ikholiseke kumaziko akhoyo.
UMgaqo-nkubo weNgeniso-mali nokuSetyenziswa	Ukubonelela ubume bezinto kweGosa eliNika iNgxelo le-WCLC kufuneka kulawulwe ungeniso-mali ngokuqoqoshekileyo nangendlela esebenzayo nangokukhuthaza ukusetyenziswa ngokupheleleyo izinto eziphantsi kolawulo lweKomiti.
Iqela labathunywa le-WCLC	Amandla eqela labathunya anikezwa liGosa eliNika iNgxelo ngokwecandelo lama-44(1) nelama-44 (2) kuMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente, 1999.
UBume bokuBambekayo	Igosa eliNika iNgxelo kufuneka liphuhlise lize livume ubume bemigangatho eyamkelekayo kwizinto ezibambekayo nezibalulekileyo kwiGunya lolawulo ngokuze libonisane nabaphicothi bangaphandle.
ICebo lokuThintela ubuMenene	Umgaqo-nkubo ubonelela iindlela zokuphendula zokubhala iingxelo, zokuphanda nezokuxazulula iziganeko zobumenemene ezichaphazela i-WCLC.
UMvuzo wamaLungu	Ukuncedisa ukubhatalwa kwamalungu e-WCLC atyunjelwe ukuhamba iingqungquthela, iiprokethi, iintlanganiso namacweyo kwindawo ye-Komiti.

3. IZIGWEBO ZENKUNDLA EZIFANELEKILEYO

Azikhho.



ICANDELO B: IQHINGA ESIGXILE KULO

4. UHLAHLELO LWESIMO ESIHLAZIYIWEYO

4.1 Uhlahlelo lwesimo sangaphandle

IIMEKO ZEPOLITIKI

Urhulumente wesizwe nowephondo bagxininisa ukubaluleka kolwimi kwilizwe lethu ngokweemfuneko zoMgaqo-siseko. Ngexesha lemibhiyozo yamaGugu ngowama-2019, uMongameli Ramaphosa ugxininise ukuba ukukhuthaza kweelwimi zemveli kususixhobo esinokusetyenziswa ekugcineni ilifa lelizwe lethu. Uye wakhuthaza abahlali baseMzantsi Afrika ukuba bafunde iilwimi zabo ukuze baziqonde. I-WCLC iyazivuma iindima eziyidlalileyo kwiziphoso ezenziwe ziiKomiti eziMele eziNye kwaye iyaqhubukeka ukuthatha nokumamela ingxelo njengokuba ifuna ukuphucula isigunyaziso seKomiti.

IIMEKO ZEMALI

Ngenxa yemilinganiselo yezemali nezixhobo zemali ezingonelanga, i-WCLC iza kugxila ekuqiniseni intsebenziswano namanye amaziko (okanye amasebe) abona ngasonye ngokwamagunyaziso ukudibanisa izixhobo ukuze kubekho ipembelelo enkulu. IBhodi yeeLwimi zaBantu boMzantsi Afrika yonyule iKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni (PLC) ngeyeThupha ngo-2019, ihambelana neCandelo lesi-8 (8) (a) kuMthetho weBhodi yeeLwimi zaBantu boMzantsi Afrika, 59 yango-1995. Oku kwenza ithuba lokuba iKomiti yePhondo yoLwimi (PLC) yePanSALB, i-WCLC kunye neSebe zisebenzisane, kudityaniswe izixhobo nobuchule. Oku kuza kubangela impembelelo ekwenzeni ezona zinto ziphambile zeKomiti, ngakumbi kwingingqi apho ezinye iilwimi zemveli zijongene nokuphela.

IIMEKO ZOLUNTU

Isibhengezo se-UNESCO ukuba unyaka ka-2019 "nguNyaka wamaHlabathi weLwimi zeMveli" siye sagxininisa, saqala iingxoxo ezigxile kulo mxholo ubalulekileyo eMzantsi Afrika. IKomiti inqwenela ukugxilisa amandla ayo kulo mba emsebenzini wayo. Ukuziphophelela kulo mba ubonakala kwisalathathisi seKomiti esisodwa ukuba kukhuthazwe ukusetyenziswa kweelwimi zemveli.

IsiXhosa sithethethwa ngabantu abali-16% kwaye sithatha indawo yesibini kwezona lwimi ezithethwa njongolwimi lweenkobe eMzantsi Afrika. Ubuninzi bezithethi zesiXhosa buhlala eMpuma Koloni naseNtshona Koloni. IsiBhulu sona sithethethwa ngabantu boMzantsi Afrika abali-13%. Abantu boMzantsi Afrika abangaphantsi kwinani le-10% bathetha isiNgesi njengolwimi labo leenkobe, kodwa ikwasiso olona lwimi kunxibelelwana ngalo kweli lizwe. Abantwana

bafundiswa baze balindelwe ukuba bafunde iincwadi zesikolo ezibhalwe ngesiNgesi. Isininzi sabantwana abathetha ulwimi lase-Afrika baye batshintshela kwisiNgesi njengolwimi labo lokuqala lokufundakuMgangathowesi-4. Amanye amanyathelo kufuneka ethathiwe, kuba sineenkubeko neelwimi ezahlukileyo sinenjongo yokulungisa imiceli-mngeni esijongene nayo malunga nalo mba ukuze ukusetyenziswa kweelwimi zemveli kukhuthazwe kuyo yonke into esiyenzayo ebomini. Oku kungalungisa izinto ezingalunganga kuluntu, kunganika abantu bethu amandla, kwaye kungancedisa ekuphuculeni ezemali. I-WCLC izibophelela kwintsebenziswano nabamisi bemigaqo-nkqubo namanye amaziko akwezeelwimi ukuncedisana kwindlela emoya-mnye nawo ekulungiseni le nto ibalulekileyo.

Amanyathelo okuqala aza kujonga ukukhuthazwa kwelwimi lamaSan namaKhoi. Abathethi bezilwimi bambalwa kweli (basondele kwi-167 000). Yiloo nto kunyanzelekile ukuba kwenziwe inguqulelo ukuze kubekho amathuba okuphucula ezi lwimi. KwisiKhoekhoegowab, intetho ithi, "[Gui gowa-l ge tatse ðâusa tama hâ (ulwimi olunye aluzose lonele)". Ukugxila ekukhuthazeni uLwimi lweZandla kuza kuhlala kwiyinto ephambile kwiKomiti. I-PanSALB ipapashe uyilo lwePhepha lamaLungelo loLwimi lweZandla laseMzantsi Afrika. Eli Phepha lamaLungelo liyila iimfanelo eziza kwenza uLwimi lweZandla lufumanke kwabalidingayo kwiimeko ngeemeko. IKomiti iza kuphinda ihlafunae amathambo engqondo ngalo mba ize iphinde ikhangele ezinye iindlela zokunika abantu abanengxaki yokuva amandla.

IIMEKO ZOBUCHWEPHESHE

Ubukho botshintsho lwamashishini lwesine bubonelela amathuba okujonga ubuchwepheshe obutsha obunokunceda ekuphuculeni ulwimi (domain). Amathuba aza kuthathwa ukufumana ulwazi olulolunye nokujonga ukwaziswa kweendlela zokusebenza ezizenzekelayo ngokusebenzisa uphando lobuchwepheshe bolwimi lwabantu (HLT) kuzo zonke iilwimi ezisesikweni.

IIMEKO YOMTHETHO NOLAWULO

Umthetho wamaSiko nobuKhokeli bamaKhoi-San wavunyelwa nguMongameli ngomhla wama-20 kweyeNkanga ngowama-2019. Eli Sebe, liseben



ICANDELO B: IQHINGA ESIGXILE KULO

zisana neSebe likaRhulumente wasekuHlalani, lithatha inxaxheba yokuphanda iimpembelelo ezinxulumene nolawulo woMthetho kunye nokuqondwa koLawulo lweSintu kuluntu lwamaKhoi namaSan.

IIMEKO ZOBUME BENDAWO

Izixeko zinomtsale kumandwendwe aphereseya

nakubaaphembukeli abaninzi abathetha iilwimi ezahlukileyo ekufuneka ekuhambeni kwexesha babonelelwe kwisebe lezempilo, emapoliseni, ezinkundleni, njalo njalo. Kuza kufuneka iKomiti ijonge ukuba amasebe ayihoye njani na le meko.

4.2 Imeko yangaphakathi

Iprofayile yabasebenzi

IKomiti yeLwimi yeNtshona Koloni isekwe ngokoMthetho weLwimi wePhondo leNtshona Koloni kwiCandelo lesi-6 (13), ngo-1998. NgokoMthetho, amalungu eKomiti onyulwa ixesha elingangeminyaka emithathu. Kunyanzelekile amalungu abe-11 ubuninzi kwikomiti.


Ngokwenza unyulo ekuhlani nangokukhetha abaviwa kubatyunjwa, yamiswa iKomiti inamalungu ali-11 ngomhla woku-1 kweyeNkanga ngo-2018. Oku kuncediswe liQumrhu loWiso-Methetho weKomiti ethile nakukumiswa ngu-MEC. IKomiti yangoku inamalungu ali-10 anamava alubanzi ngolwimi nemidla kwizinto ezininzi. Le Komiti ibandakanya ilungu elisisithulu eliziqondayo izidingo zabantu abangezozithulu. Amalungu amathathu awasuka kwiKomiti eyayimiswe phambi kwale ikhoyo aphinde atyunjwa aze amiswa kwakhona. Oku bekubalulekile ukuze kubekho uqhubekeko lokukhumbula izinto njengekomiti nelobuchule.

Oko kwamiswa le Komiti, kurhoxe amalungu ama-5. Oku akukulungelanga ukusebenza kweKomiti kuba ubuchule nokuncedisana kwamalungu apheleleyo kokona kulungele ukusebenza kweKomiti. Xa kukho amathuba, u-MEC uza kumisa amanye amalungu aza kutyunjwa kuluhlu lokuqala labatyunjwa.



ICANDELO B: IQHINGA ESIGXILE KULO

Ubume besebe esebenza kulo le Komiti bubonakaliswe kolu luhlu lwezikhundla zabasebenzi bungezantsi.



Ngokwecandelo le-17 loMthetho weelwimi zePhondo leNtshona Koloni, wango-1998, amagosa aphantsi kwecandelo leeNkonzo zeeLwimi zeSebe leMicimbii yeNkcubeko neMidlalo laseNtshona Koloni lenza umsebenzi wolawulo we-WCLC. Umsebenzi wolawulo ubandakanya ukuphanda nokwenza onke amalungiselelo anyanzelekileyo ukuze iKomiti isebenze kakuhle. Ezemali ezithile zenziwa liziko lemali lakwa-DCAS.

Onke amaxwebu (imizuzu, iingxelo, neencwadi ekubhalwa kuzo abantu, njalo njalo) e-WCLC agcinwa kwicandelo leeNkonzo zeeLwimi kwiSebe leMicimbii yeNkcubeko neMidlalo. Onke amaxwebhu agcinwa kwi-ECM, ukuze zigcineke zikhuselekile, kubelula ukuzifumana, kubelula nokukhumbula izinto njengeziko.



ICANDELO C: UKULINGANISELA UMSEBENZI WETHU

5. ULWAZI NGOMSEBENZI WENKQUBO YEZIKO

INkqubo: IKomi yeeLwimi yeNtshona Koloni.

Injongo: Ukujonga nokucebisa kummiselo woMgaqo-nkubo weLwimi weNtshona Koloni.

5.1 Iziphumo, limveliso, Izalathisi zokusebenza kunye neeZinto ekuJoliswe Kuzo

Iziphumo	Iimveliso	Izalathisi zokusebenza	Izinto ekuJoliswe Kuzo ngoNyaka						
			Umsebenzi ophicothiweyo / Umsebenzi owenziweyo			Umsebenzi oqikelelwayo	Ixesha MTEF		
			2016/17	2017/18	2018/19	2019/20	2020/21	2021/22	2022/23
Abahlali abaxhotyisiweyo noluntu olubandakanya wonke umntu nolumanyeneyo	Ukumiswa kophononongo loMgaqo-nkqubo weLwimi okanye imibuzo okanye amaphulo okuqonda okanye iiprojekthi zokulandelela ezigqityiweyo	Inani lemisebenzi ejongana noKumiswa koMgaqo-nkqubo weLwimi weNtshona Koloni.	2	1	1	1	1	1	1
Abahlali abaxhotyisiweyo noluntu olubandakanya wonke umntu nolumanyeneyo	Iiprojekthi ezigqityiweyo zokukhuthazwa kweLwimi zeMveli	Inani leeprojekthi ezikhuthaza iilwimi zemveli	Ekujoliswe kuko okutsha	Ekujoliswe kuko okutsha	Ekujoliswe kuko okutsha	Ekujoliswe kuko okutsha	1	1	1
Abahlali abaxhotyisiweyo noluntu olubandakanya wonke umntu nolumanyeneyo	UMgaqo-nkqubo weLwimi weNtshona Koloni uxoxwe kwintlanganiso ye-WCLC	Inani leentlanganiso zokumisa uMgaqo-nkqubo weLwimi weNtshona Koloni	6	6	6	6	6	6	6



ICANDELO C: UKULINGANISELA UMSEBENZI WETHU

5.2 Izalathisi, Izinto ekuJoliswe Kuzo zoNyaka nezeKota

Izalathisi zeeMveliso	Ekujoliswe kuko kulo nyaka	I-Q1	I-Q2	I-Q3	I-Q4
1.1 Inani lemisebenzi ejongene nokumiswa koMgaqo-nkqubo weLwimi weNtshona Koloni	1	-	-	1	-
1.2 Inani leeprojekthi ezikhuthaza iLwimi zeMveli	1	-	-	1	-
1.3 Inani leentlanganiso zokumisa uMgaqo-nkqubo weLwimi weNtshona Koloni	6	1	2	2	1



ICANDELO C: UKULINGANISELA UMSEBENZI WETHU

6. INGCACISO YEMISEBENZI EYILELWE NGEXESHA LEKOTA EPHAKATHI

Isicwangciso seKomiti sonyaka sigxile ekuncediseni kwezi njongo zingaphezulu ngokubanenjongo yokukhuthaza nokujonga ummiselo woMgaqo-nkqubo weLwimi weNtshona Koloni ngokugxininisa oku kulandelayo:

- Ukukhuthaza uphuhliso nophuculo beelwimi zesintu ezazikade zibekelwe bucala zaseNtshona Koloni ezikuMgaqo-nkqubo weLwimi.
- Ukwandisa iziphumo zeprojekthi yeKomiti yango-2019/20 ngendima yolwimi eku-bumbeni iinkangelelo zenkcubeko.
- Ukubhiyozela nokukhuthaza ukutunjwa kwemihla ebalulekileyo kwesi sethu isizwe nezinye izizwe. Oku kubandakanya Usuku loLwimi lweeNkobe (umhla wama-21 kweyoMdumba), Usuku lweNcwadi namaLungelo abaBhali okuThengisa imiSebenzi Yabo (umhla wama-23 kuTshaz'iimpunzi), Usuku loNcwadi (umhla wesi-8 kweyoMsintsi), Usuku lweLwimi zeZandla (umhla wama-23 kweyoMsintsi), Usuku lwamaGugu (umhla wama-24 kweyoMsintsi), noSuku loGuqulelo (umhla wama-30 kweyoMsintsi).
- Ukubhiyozelwa nokukhuthazwa kweelwimi zengingqi ezingekhosesikweni ngengesi-Afrikaaps.
- Ukujonga ukumiswa koMgaqo-nkqubo weLwimi weNtshona Koloni ngamasebe ephondo karhulumente.
- Iphulo olukhawulelana nemeko esikuyo malunga nokuqondwa kolwimi ngokusasaza ulwazi olukwincwadana yoMgaqo-nkqubo weLwimi weNtshona Koloni.

Iziko leziFundo zoBundlobongela noXolo (CSVR) lenze uphando kwiimeko ezisithandatho eMzantso Afrika, laze lafumanisa ukuba umsebenzi weeprojekthi eziyilwe zibandakanya uluntu ubaneziphumo ezibonakalayo (IsiCwangciso seQhinga lokuSebenza sePhondo sikaRhulumente weNtshona Koloni 2019 – 2024). Ukusukela apha, i-WCLC izakujongana nemibhiyizo yesuku leelwimi lelabathini nelelizwe jikelele. Ngokwenza lemisebenzi, i-WCLC iza kubandakanya abahlali, ibe ikhuthaza ukuseyenziswa kwelwimi leenkobe, babe abahlali bethatha inxaxheba bezixhobisa. Oku kuza kwenza ukuba umanyano kuluntu lubelula,

ukuze abahlali bazive bengamalungu oluntu olunye bengabo. Oku kuza kuncedisa kwiziphumo zesiCwangciso seQhinga lokuSebenza sePhondo sikaRhulumente weNtshona Koloni 2019 – 2024.

IKomiti iza kujongana nokumiswa koMgaqo-nkqubo weLwimi weNtshona Koloni ngamasebe karhulumente ephondo ize yenze iingcebiso ukuqinisekisa ukuba bonke abahlali baseNtshona Koloni bakwazi ukufumana iinkonzo zikaRhulumente ngolwimi abafuna ngalo. Le iza kuba yenye yeendlela eza kuncedisa kumanyano loluntu neendawo ezikhuselekileyo ezimanyanayo zokuhlala.

Kwezinye iinzame zeKomiti zokukhuthaza ukusebenzisa iilwimi ezininzi kugxilwa ekukhuthazeni ukusebenzisa uLwimi lweZandla kubantu abanengxaki yokuva. Utoliko loLwimi lweZandla lwelungu elinengxaki yokuva luyabonelelwa kuzo zonke iintlanganisano zeKomiti.

Uyilo lweKomiti lubandakanya umsebenzi oza kugxila kumba omnye obonisa ukukhuthazwa kweLwimi lweZandla.

Isalathisi seziphumo zeKomiti sidibene neenkonzonkqubo zeSebe leMicimbi yeNkcubeko nemiDlalo, elidibene neenjongo zikaRhulumente weNtshona Koloni eziPhenjelelwa yimiBono. Njongo ezo zinxulumene neziphumo zemfundo, zezakhono nezempilo, zokuxhobisa abahlali, noluntu olumanyeneyo olubandakanya wonke umntu, ne-Afrika nelizwe elingcono.

Uyilo lomsebenzi weKomiti ubandakanya intsebenziswano namanye amaziko anemigunyaziso efanayo, njenge-PanSALB namaziko emfundo awakhe enza umsebenzi kwezolwimi. Amathuba okufumana ulwazi lophando kumanye amaziko ephondo, njengeSebe lwezeMfundo, aza kukhangelwa. Loo mathuba anganceda ukutyebisa umsebenzi weKomiti.

Iziphumo zeKomiti zihambelana neziphumo zeSebe leMicimbi eNkcubeko nemiDlalo, ezinxulumene nokwenza uluntu olubandakanya wonke umntu eNtshona Koloni:

Isiphumo soku-1 sancedisa ekwenzeni iNtshona Koloni eyila ngobuchule.

Isiphumo sesi-2 sancedisa ekwenzeni iNtshona Koloni emanyeneyo.

Isiphumo sesi-3 sancedisa ekwenzeni iNtshona Koloni isebenze.



ICANDELO C: UKULINGANISELA UMSEBENZI WETHU

7. IINGCINGA ZOKUNCEDA INKQUBO

I-WCLC izilungisile izikhombisi zayo kwaye ngoku inesalathiso esitsha sokuma sodwa esijongene nokukhulisa ulwimi lwenkobe. Oku, ukongeza kwisalathisi sokujonga ukuphunyezwa komgaqo-nkqubo weelwimi waseNtshona Koloni, kuthetha ukuba iWCLC iya kuba neeprojekthi ezimbini zonyaka, endaweni yenye. IKomiti ke iyakufuna inkxaso-mali eyongezelelweyo ukufikelela kwezi zinto kujoliswe kuzo, nangona iKomiti ikwazimisela ukusebenzisana nabanye ababandakanyekayo ekusebenziseni ngokufanelekileyo izibonelelo.



ICANDELO C: UKULINGANISELA UMSEBENZI WETHU

Ukuxibelelanisa izinto ekujoliswe kuzo zomsebenzi kunye nohlahlo-lwabiwo mali kunye neMTEF

Uqikelelo lweNkcitho

IKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni

Inkqubo	Iziphumo eziphicothiweyo			Qikelela inkcitho	Uqikelelo lwenkcitho yexesha eliphakathi		
	2016/17	2017/18	2018/19		2019/20	2020/21	2021/22
R amawaka							
IKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni	734	819	848	279	297	298	328
lyonke	734	819	848	279	297	298	328
lindlelo ngqo kwiNgxowa mali yeNgeniso kaZwelonke	-	-	-				
lyonke	734	819	848	279	297	298	328
Iintlawulo ezikhoyo	734	819	848	279	297	298	328
Ukuhlawulwa kwabasebenzi limpahla kunye neenkonzongokuba:							
Unxibelelwano linkonzo zekhompyuter Abacebisi, iikontraktha kunye neenkonzozizodwa	51	42	63	59	100	95	99
Uluhlu							
Ukulungiswa kwesondlo kunye neendleko zokuqhuba							
Ukuqeshisa ngendawo	21	14	11	20	18	18	25
Ukuhamba nokutya	73	95	58	79	90	85	102
Imirhumo yophicotho							
Intengiso							
* Enye	589	668	716	121	207	97	98
Inzala kunye nerenti yomhlaba							
Unaniselwano lwezezimali kwii-aseti namatyala							
Udluliselo noncediso-mali kwi::	-	-	-	-	-	-	-
Amaphondo kunye noomasipala liarhente zeSebe kunye neekhawunti liyunivesithi kunye neetekhnikhoni Imibutho yoluntu kunye namashishini abucala							
Oorhulumente bamanye amazwe kunye nemibutho yamazwe aphisheya							
Amaziko angenzi ngeniso s Amakhaya							
Iintlawulo zee-aseti ezinkulu	-	-	-	-	-	-	-
Izakhiwo kunye nezinye izakhiwo ezisisigxina							
Oomatshini kunye nezixhobo							
Izinto zexabiso ezihlaziyweyo							
Isoftware kunye nezinye izinto ezingaphathekiyo							
Umhlaba kunye nezinto zexabiso zomhlaba							
apho:							
Inkulu imali							
imbuyekezo							
lyonke	734	819	848	279	297	298	328

*Kubandakanya izibonelelo zentlanganiso zeKomiti yeeLwimi

Isicwangciso: Ulwabiwo-mali lwenkqubo neenkqutyana lwenziwa ngokwe-ENE ne-/ okanye neEPRE.

Ingxelo: Ingcaciso yoncedo lwezixhobo ezincedisa ekufikeleleni kwiziphumo.



ICANDELO C: UKULINGANISELA UMSEBENZI WETHU

8. UMNGCIPHEKO OPHAMBILE OHLAZIYIWEYO

Isiphumo	Umngcipheko ophambili	Unciphiso lobungozi
Abahlali abaxhotyisiweyo noluntu olubandakanya wonke umntu luze lumanyane.	Ukumiswa koMgaqo-nkqubo weeLwimi weNtshona Koloni ngokungabikho semgangathweni ngamasebe karhulumente.	Ukujongana nokumiswa koMgaqo-nkqubo weeLwimi wePhondo.
	Izixhobo ezinganelanga zokufezekisa isigunyaziso.	Ukusebenzisana namaziko anezigunyaziso ezifanayo, umz. PanSALB.

9. AMAZIKO KARHULUMENTE

Igama leZiko likaRhulumente	IsiGunyaziso	Iziphumo	Ulwabiwo-mali lwalo nyaka (R amawaka)
Alikho			

10. AMAZIKO OMSEBENZI

Inani	Igama leProjekthi	Inkqubo	Inkcazo ngeProjekthi	Iimveliso	Umhla wokuqalwa kweProjekthi	Umhla wokuGqitywa kweProjekthi	Uqikelelo lweeNdleko ngokuGqibekileyo	Iindleko zonyaka
	Alikho							

11. INTSEBENZISWANO PHAKATHI KUKARHULUMENTE NAMAZIKO AZIMELEYO (PPP)

PPP	Isizathu	Iimveliso	Ixabiso lesivumelwano okangoku	Umhla wokuphela kwesiVumelwano
Ayikho				



ICANDELO D: INGCACISO NGEMISEBENZI EYENZIWAYO (TID)

Inombolo yesikhombisi	1.1			
Isihloko sesikhombisi	Inani lemisebenzi ebeka iliso ekusetyenzisweni koMgaqo-nkqubo weeLwimi weNtshona Koloni			
Inkcazo emfutshane	Ukubeka iliso kumiliselelo loMgaqo-nkqubo weeLwimi weNtshona Koloni ngamasebe amaphondo			
Injongo	Ukuphumeza iCandelo le-6 nele-9 loMgaqo-siseko kunye noMthetho weeLwimi wePhondo laseNtshona Koloni			
Ikhonkco lobuchule	VIP#1: neyesi-3	Umba/imiba ekugxilwe kuwo: VIP #1: Ukwanda komanyano ekuhlaleni kunye noluntu olukhuselekileyo. VIP#3: Imfundo kunye nokufunda	Iziphumo: Inani leenkqubo zophando zoMgaqo-nkqubo weeLwimi eNtshona Koloni okanye iincwadana zemibuzo okanye amaphulo okwazisa okanye iiprojekthi ezilandelelweyo ezigqityiweyo	Ungenelelo: Ukonyusa ubumbano lwentlalo kunye nokhuseleko kwiindawo zikawonkewonke.
Umthombo wolwazi	Ukusetyenzwa komgaqo-nkqubo woLwimi okanye uphando ngemibuzo okanye amaphulo okwazisa okanye iiprojekthi zokulandela			
Indlela yokubala	Bala			
Umda wolwazi	Kuchazwe ulwazi olungaphelelanga			
Uhlobo lwesalathisi	Igalelo:	Imisebenzi:	Imveliso:	Isiphumo:
	Isalathiso sokunikwa kwenkonzo		Ukuhanjiswa kwenkonzo ngqo	
	Isalathiso sokuqhutywa libango:		Ukuhanjiswa kwenkonzo ngokungathanga ngqo: x	
		Ewe, iqhutywa libango: x		Hayi, ayiqhutywa libango: x
Uhlobo lokubala	Okongezelekayo ekupheleni konyaka:	Okongezelekayo kunyaka ukuya kumhla:	Ezingafakwanga: x	
Umjikelo wokunika ingxelo	Ngekota:	Kabini ngonyaka:	Qho ngonyaka: x	Ngokwendalo:
Intsebenzo enqwenekayo	Ngaphezulu kwento ekujoliswe kuyo:	Kwinto ekujoliswe kuyo: x	Ngaphantsi kwento ekujoliswe kuyo:	
Uxanduva lwesikhombisi	Umphathi onoxanduva			
Inguqu yendawo (apho kufanelekileyo)	IPhondo laseNtshona Koloni			
Ukungavisisani kwabaxhamli (apho kufanelekileyo)	Ekujoliswe kuko kwabasetyhini:			
	Ekujoliswe kuko kulutsha:			
	Ekujoliswe kuko kubantu abakhubazekileyo:		Ubuncinci isenzo sibe sinye sokukhulisa uLwimi lokuThetha ngeZandla	
Isizindlo	Imali eyaneleyo kunye nezixhobo zeHR			
Iindlela zokungqinisisa	Iingxelo			



ICANDELO D: INGCACISO NGEMISEBENZI EYENZIWAYO (TID)

Inombolo yesikhombisi	1.2			
Isihloko sesikhombisi	Inani leeprojekthi ezikhuthaza iilwimi zesiNtu			
Inkcazo emfutshane	Ukukhuthaza iilwimi ezazifudula zisingelwe phantsi kweli phondo			
Injongo	Ukwenza isiphumo seCandelo le-6 nele-9 loMgaqo-siseko kunye noMthetho weLwimi weNtshona Koloni ngokugxininisa ekukhuthazeni nasekusetenzisweni kweelwimi zemveli eNtshona Koloni.			
Ikhonkco lobuchule	VIP#1: neyesi-3	VIP#1: Imiba ekugxilwe kuwo: Imfundo, izakhono nezempilo. VIP#3: Umanyano ekuhlaleni kunye noluntu olukhuselekileyo. I-Afrika engcono neHlabathi elingcono	Iziphumo: Inani leprojekthi zokuphucula ulwimi lwendalo zigqityiwe	Ungenelelo: Ukuxhobisa abemi ukuba banxibelelane ngolwimi lwabo lwenkobe
Umthombo wolwazi	Uphononongo lokusebenzisa			
Indlela yokubala	Ukubala			
Umda wolwazi	Ulwazi olungaphelelanga luxeliwe			
Uhlobo lwesalathisi	Igalelo::	Imisebenzi:	Imveliso:	Isiphumo:
	Isalathiso sokunikwa kwenkonzo:		Ukuhanjiswa kwenkonzo ngokuthe ngqo::	
			Ukuhanjiswa kwenkonzo ngokungathanga ngqo: <input checked="" type="checkbox"/>	
	Isalathisi esiqhutywa libango:		Ewe, siqhutywa libango: <input checked="" type="checkbox"/>	
			Hayi, asiqhutywa libango:	
Uhlobo lokubala	Okongezelekayo ekupheleni konyaka:	Unyaka owongelekayo ngoku:	Ezingafakwanga: <input checked="" type="checkbox"/>	
Umjikelo wokunika ingxelo	Ngekota :	Kabini ngonyaka:	Qho ngonyaka: <input checked="" type="checkbox"/>	Ngokwendalo:
Intsebenzo enqwenelekayo	Ngaphezulu kwento ekujoliswe kuyo:	Kwinto ekujoliswe kuko: <input checked="" type="checkbox"/>	Ngaphantsi koko kujoliswe kuko:	
Uxanduva lwesikhombisi	Umphathi onoxanduva			
Inguqu yendawo (apho kufanelekileyo)	IPhondo laseNtshona Koloni			
Ukungavisisani kwabaxhamli (apho kufanelekileyo)	Ekujoliswe kuko kwabasetyhini:			
	Ekujoliswe kuko kulutsha:			
	Ekujoliswe kuko kubantu abakhubazekileyo:			
Isizindlo	Imali eyaneleyo kunye nezixhobo zeHR			
Iindlela zokungqinisisa	Iingxelo			



ICANDELO D: INGCACISO NGEMISEBENZI EYENZIWAYO (TID)

Inombolo yesikhombisi	1.3			
Isihloko sesikhombisi	Inani leendibano ezisemthethweni zokuphumeza uMgaqo-nkqubo weLwimi weWC			
Inkcazo emfutshane	Iintlanganiso ezibanjiweyo zokuchonga / ukuxoxa ngemicimbi yolwimi kunye nokunika uMphathiswa ingcebiso ngokuhambelana noMgaqo-nkqubo weLwimi weNtshona Koloni.			
Injongo	Ukwazisa uMphathiswa ngemicimbi ephathelele kwimiba yolwimi eNtshona Koloni ukuze akwazi ukwenza izigqibo ezinolwazi kunye nokuqinisekisa ukumiliselwa ngokukuko koMgaqo-nkqubo weLwimi.			
Ikhonkco lobuchule	VIP #: Eyoku-1 neyesi-3	Imiba ekugxilwe kuyo: VIP #1: Ukongezeleleka komanyano ekuhlaleni kunye noluntu olukhuselekileyo. VIP #3: Imfundo kunye nokufunda	Iimveliso: Inani leentlanganiso zokuchonga nokuxoxa ngemiba yolwimi	Ungenelelo: Ukuxhobisa abemi ukuba banxibelelane ngolwimi lwabo lwenkobe
Umthombo wolwazi	Iingxelo, imizuzu yeentlanganiso zekomiti epheleleyo kunye neekomitana			
Indlela yokubala	Ukubala			
Umda wolwazi	Ukunqongophala kwenani labantu elifunekayo ezintlanganisweni			
Uhlobo lwesalathisi	Igalelo:	Imisebenzi:	Iimveliso:	Isiphumo:
	Isalathiso sokunikwa kwenkonzo:		Ukuhanjiswa kweenkonzo ngqo: Ukungahanjiswa kweenkonzo ngqo: x	
	Isalathisi esiqhutywa libhango:		Ewe, siqhutywa libhango: x Hayi, asiqhutywa libhango:	
Uhlobo lokubala	Okongezelekayo ekupheleni konyaka: x	Unyaka owongezelekayo ngoku:	Ezingafakwanga:	
Umjikelo wokunika indlela	Ngekota: x	Kabini ngonyaka:	Qho ngonyaka:	Ngokwendalo:
Intsebenzo enqwenelekayo	Ingaphezulu koko kujoliswe kuko:	Ekujoliswe kuko: x	Ngaphantsi koko kujoliswe kuko:	
Uxanduva lwesikhombisi	Umpathi onoxanduva			
Inguqu yendawo (apho kufanelekileyo)	IPhondo leNtshona Koloni			
Ukungavisisani kwabaxhamli (apho kufanelekileyo)	Ekujoliswe kuko kwabasetyini:			
	Ekujoliswe kuko kulutsha:			
	Ekujoliswe kuko kubantu abakhubazekileyo:			
Isizindlo	Imali eyoneleyo kunye nezixhobo zabasebenzi			
Iindlela zokungqinisisa	Imizuzu kunye nerejista yokubakho emsebenzini			

ISIHLOMELO A: IZILUNGISO KWISICWANGCISO SEQHINGA SOKUSEBENZA

Ayikho.

ISIHLOMELO B: ISIBONELELO SEEMEKO EZITHILE

Ayikho.

ISIHLOMELO C: IZALATHISI EZIMANYANWEYO

Ayikho.



Wes-Kaapse
Regering

Kultuursake en Sport



Western Cape Language Committee

Wes-Kaapse Taalkomitee

IKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni

Jaarlikse Prestasieplan

2020/2021



INHOUD

VERKLARING VAN UITVOERENDE GESAG	2
VERKLARING VAN REKENPLIGTIGE GESAG	2
AMPELIKE AFTEKENING	3
AKRONIEME	4
DEEL A: ONS MANDAAT	
1. Opdatering van die tersaaklike wetgewende en beleidsmandate	5
1.1 Grondwetlike mandate	5
1.2 Wetgewende en beleidsmandate	6
1.3 Beleidsmandate	8
2. Opdatering van institusionele beleide en strategieë	10
3. Opdatering van tersaaklike hofbevindings	10
DEEL B: ONS STRATEGIESE FOKUS	
4. Opgedateerde situasie-ontleding	11
4.1 Ontleding van eksterne omgewing	11
4.2 Interne omgewing	12
DEEL C: METING VAN ONS PRESTASIE	
5. Prestasie-inligting van die institusionele program	14
5.1 Uitkomst, uitsette, prestasie-aanwysers en teikens	14
5.2 Aanwysers, jaarlikse en kwartaallikse teikens	15
6. Verduideliking van beoogde prestasie oor die medium-termyn periode	16
7. Oorweging van opsies binne die program	17
8. Opgedateerde sleutelrisiko's	19
9. Openbare entiteite	19
10. Infrastruktuurprojekte	19
11. Openbare-private vennootskappe	19
DEEL D: BESKRYWING VAN TEGNIESE AANWYSERS (TID)	
Beskrywing van Tegniese Aanwysers (TID)	20
BYLAE A: WYSIGINGS AAN DIE STRATEGIESE PLAN	22
BYLAE B: VOORWAARDELIKE TOEKENNINGS	22
BYLAE C: GEKONSOLIDEERDE AANWYSERS	22



VERKLARING VAN UITVOERENDE GESAG

Die Wes-Kaapse Taalkomitee (WTK) het onder die vaandel van die Departement van Kultuursake en Sport bestendige vordering gemaak met die bevordering van meertaligheid in die provinsie om dienslewering en toeganklikheid te verbeter vir almal wat die provinsie as hul tuiste beskou. Die WTK het met die uitvoering van hul mandaat die Departement inderdaad gehelp om hul visie van 'n sosiaal inklusiewe, kreatiewe, aktiewe en verbonde Wes-Kaap te verwesenlik.

Hierdie jaarlikse prestasieplan is daarop gerig om uitvoering te gee aan die Wes-Kaapse Provinsiale Talewet, Wet 13 van 1998, en die Wes-Kaapse Taalbeleid. Dit bevat ook 'n uiteensetting van die maatreëls wat getref is om die WTK se strategiese doelstellings en visie te bereik om al die inwoners van die provinsie verder te bemagtig deur taal om sodoende menswaardigheid te verhoog deur wedersydse respek en om meertaligheid te bevorder.

Die WTK het ingevolge sy kernmandaat beslis die uitvoering en monitering van die Wes-Kaapse taalbeleid vergemaklik en die Ministerie met ywer en entoesiasme van raad bedien oor taalsake in die provinsie. Aangesien taal 'n integrale deel van identiteit en kultuur is, is die insette van die komitee van onskatbare waarde, omdat dit geleenthede vir maatskaplike integrering skep, sowel as om toegang tot dienste te lewer wat deur die Wes-Kaapse Regering gelewer word.

Hierdie Jaarlikse Prestasieplan is in samewerking met die WTK en deur kollaboratiewe insette van gemeenskappe, personeel, eksterne belanghebbendes en strategiese vennote ontwikkel om as 'n amptelike riglyn vir die Wes-Kaapse Taalkomitee en die Departement vir die komende jaar te dien. Ek sien uit daarna om proaktief die politieke leiding te verleen wat nodig is om die taalkundige demokrasie te bevorder wat vereis word om die diversiteit van die Wes-Kaap te verenig.

AMarais

Anroux Marais
Uitvoerende Gesag van die Wes-Kaapse
Taalkomitee

VERKLARING VAN REKENPLIGTIGE GESAG

